

Inombolo yefayili.: 24/3/3/1
Isalathiso: 20230703-6214

INGcaciso eMfutshane yeCandelo le-eLearning: 0002/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-FET ne-GET, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakooTitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukuqaliswa kweProgram yoPhuhliso lwezaKhono zooTitshala yeCandelo le-eLearning (DEL TPD)

1. ICandelo le-eLearning (DEL) leSebe leMfundo leNtshona Koloni lizimisele ukubonelela ngamathuba ophuhliso lwezakhono ekufundiseni nasekufundeni ngethekhnoloji (*digital teaching and learning*) kootitshala nakumagosa. La mathuba ajolise ekuxhobiseni ootitshala ukuba basebenzise ithekhnoloji ukutyebisa amava okufunda kubafundi nokufikelela kwiinjongo zokufunda zekharityhulam.
2. Icandelwana loPhuhliso lwezaKhono kwiCandelo le-eLearning kwaNdlunkulu, neekomiti ezinika iingcebiso nge-eLearning kwizithili, zinoxanduva lokulawula iprogramye-DEL TPD yaye liqhuba iiseshoni ezahlukeneyo zokufunda okugxininisa kwiiseshoni zezifundo ezahlulwa-hlulwa zibe zizifundwana ezilungele abafundi (*microlearning sessions*). Ezi seshoni zihlelwe zangamanqanaba amane ophuhliso: *Laying the Foundation, I Can Do It, I Can Do It Better*, kunye ne-*The Summit*.

3. Iprogram ye-DEL TPD ilandela ishediyuli enokuguquququlwa, ehlaziywa ngokuqhubekayo njengoko kuye kuqatshelwa iimfuno ekunokujongwana nazo kwisithili ngasinye. Bonke abasebenzi abasezi-ofisini nabasezikolweni banokubhalisela ukujoyina iiseshoni zezifundo ze-*microlearning* kwiphondo liphela. Makusetyenziswe le linki ilandelayo ukujoyina okanye ukubhalisa ngaphambi kweseshoni kuzo naziphi na iiSeshoni ii- *Upcoming Sessions*: <https://bit.ly/wcedetpdupcoming>.

4. Izibonelelo ezongezelelweyo ezinxulumene ne-DEL TPD zinokufumaneka kwiziko lewebhu (*landing page*) eliboniswe kuMzobo 1 ngezantsi. Kucelwa ulandele le linki ukufikelela kulo: <https://bit.ly/m/wcedtpd>

4.1 Ezi zibonelelo zilandelayo zifumaneka ngokusebenzisa eli ziko lewebhu:

4.1.1 Ubhaliso kwizinto ezenzekayo (*events*) ezikhethekileyo;

4.1.2 Uluhlu lweeseshoni ezizayo zezifundo ze-*microlearning*;

4.1.3 Irejista eyi-*in session register* ye-*microlearning*;

4.1.4 Ifom yenkcazo ngokuqhubekayo (*feedback form*) yeeseshoni zezifundo ze-*microlearning*;

4.1.5 Ithemplethi ye-*ICT Integration Worksheet*; kunye

4.1.6 Neenkukacha zoqhagamshelwano zamagosa e-*eLearning* ezithili.

5. Ziyakhuthazwa iinqununu, ootitshala namagosa athweswe uxanduva lomsebenzi wokuhlanganiswa kwethekhnoloji kwizifundo ukuba bayibhale (*bookmark*) idilesi yelinki yeeSeshoni ezizayo ukwenzela ukuba ifumaneka lula baze bayijonge qho ukukhangela naziphi na iinguqulelo ezinokuthi zenzeke. Kucetyiswa ngokukhulu ukuba zichazwe zonke iiseshoni zezifundo ze-*microlearning* yaye kukhuthazwa ukuthatha inxaxheba kwabo bonke abasebenzi.

6. Kucelwa kwazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane zonke iiKomiti ZoLawulo lweZikolo, ootitshala namagosa emfundo ukuze akuthathele ingqalelo. Kucelwa nifunde **isiHlomelo**

A.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2023-07-05



Figure 1